YIBA NELIZWI

UMthetho-siHlomelo osaYilwayo wezoKhuseleko [B18-2017]
(Icandelo lama-75 INdlu yoWiso-mthetho)

Ikhwelo leziphakamiso ezibhaliweyo

IKomiti eKhethiweyo yezoKhuseleko noBulungisa imema amahlakani nabantu abanomdla ukuba bangenise iziphakamiso ezibhaliweyo **malunga noMthetho-siHlomelo osaYilwayo wezoKhuseleko [B18-2017]** (icandelo lama-75 leNdlu yoWiso-mthetho).

UMthetho-siHlomelo osaYilwayo ufuna, phakathi kweminye imiba:

- ukuhlomela uMthetho woKhuseleko, 2002, ukwenzela ukubandakanya iNtloko yaBasebenzi kuLawulo loMkhosi woKhuseleko;
- ukucacisa inkqubo malunga nokuphunyezwa yiNtloko yezoMkhosi yokudluliselwa kwamandla kunye nezabelo zemisebenzi kumalungu nguNobhala woKhuseleko njengentloko kunye negosa elinoxanduva leSebe;
- ukubonelela ngengqesho kwezoMkhosi ngaphandle kweRiphabhliki;
- ukubonelela ngokuqinisekiswa okufanelekileyo kwezokhuseleko kweekontrakti kunye nababoneleli beenkonzo zeSebe;
- ukucacisa ukuba umntu akadingi mvume yomqeshi ukuze azibhalise njenge, okanye ahlale njengelungu eliLilalela eMkhosini;
- ukulawula umboniso wemihombiso yasemkhosini, iimbasa kunye lophawu lwesidima;
- ukulawula ukusetyenziswa kweeyunifomu zasemkhosini, iimpawu ezahlukileyo kunye nezindwe; kunye
- nokubonelela ngesithintelo sokufikeleleka kwipropati okanye iindawo xomkhosi.

Iziphakamiso ezibhaliweyo kufuneka zifumaneke **ungadlulanga umhla we-16 kweyeNkanga 2018.**

Izicelo zeekopi zoMthetho, iziphakamiso ezibhaliweyo kunye nemibuzo mayithunyelwe kuMnu G Dixon, iKomiti eKhethiweyo yezoKhuseleko noBulungisa, 3rd Floor, Office 133, 90 Plein Street, Cape Town, 8001 okanye ithunyelwe nge-imeyile ku-gdixon@parliament.gov.za okanye ngefekisi kule nombolo 086 658 9371.

Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uMnu SG Mthimunye, iLungu lePalamente, uSihlalo: weKomiti eKhethiweyo yezoKhuseleko noBulungisa.